an agency of the
Department of Arts & Culture

INkampani yoBugcisa Obunwabisayo yaKwaZulu-Natala
Yabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kwekaTshazimpuzi 2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zemveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162
Idilesi yeimeyili: info@playhousecompany.com; http://www.playhousecompany.com

IPLAYHOUSE COMPANY

ISIMEMO SOKUFAKA ISINIKI-MAXABISO (ITHENDA) – Isalathisi PHC 47/2016

Abaniki-nkonzo abanqwenela ukuyila, ukunika kunye nokufakela i*sound reinforcement loudspeaker system* eOpera Theatre ePlayhouse Company, eza kuba ngundoqo wayo nayiphi na imveliso, bayamenywa ukuba bafake izicelo zentsebenziswano. Oku kuza kuquka nokulungiswa kwesimo se-l*oudspeaker system* ekhoyo nokufakelwa eDrama Theatre.

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe ngokweCandelo lesi-3(1) loMthetho waMaziko eNkcubeko, 1988, elikhuthaza uBugcisa neNkcubeko KwaZulu-Natala.

Amaxwebhu esiniki-maxabiso ayafumaneka ukususela ngomhla wama-**18 kwEyoKwindla ngowama-2016** kwaye afumaneka ngomrhumo ongabuyiswayo wama-R350 omawuhlawulwe kuSudesh Harilal (umnxeba 9443).

Umhla wokuvalwa kokufakwa kweziniki-maxabiso ezizaliswe ngokupheleleyo ngowesi-**20 kwUTshazimpunzi ngowama-2016 ngentsimbi ye-11 enkqayini**. Iziniki-maxabiso ezifakwe sele ligqithile ixesha azisayi kunikwa ngqwalasela. Iziniki-maxabiso ezifakwayo mazifakwe kwimvulophu evaliweyo zize zijoliswe kwiNgqonyela kule dilesi ikhankanywe apha ngasentla

Intlanganiso yesiza ekunyanzelekileyo ukuba ibanjwe iza kuhlala ngomhla wesi-**24 kwEyoKwindla ngowama-2016 ngentsimbi ye-10 kusasa** ePlayhouse Company, 231 Anton Lembede Street, Durban.

Umsebenzi ofuna ukwenziwa uquka, phakathi kweminye*:*

- Ukuyila, ukunika kunye nokufakela i-*sound speaker system* ekumgangatho wethiyetha eOpera Theatre ene-*remote health monitoring*.
- Ukususa kunye nokulungisa i-*loudspeaker system* eseDrama Theatre kwakunye nokuyifakela kwakhona eOpera Theatre njenge-*delay loudspeaker*s.
- Ukususa kunye nokulungisa i-*loudspeaker system* eseOpera Theatre, ukulungisa isimo sayo kunye nokuyifakela eDrama Theatre.
- Ukunika uqeqesho nokugunyazisa.

Ezinye izinto eziyimfuneko zidweliswe apha ngezantsi:

- Kufuneka uwadize amava angaphambili kwicandelo lethiyetha.
- Amaxwebhu esiniki-maxabiso athunyelwe engazaliswanga ngokugqibeleleyo, afike emva kwexesha, athunyelwe ngefeksi okanye angatyikitywanga aya kuthintelwa ukuba aqhubekeke phambili
- Isiqinisekiso seBEE siyafuneka
- Isiqinisekiso sokuhlawulwa kwerhafu esisemthethweni nesingakhutshelwanga sinyanzelekile ukuba sibe khona
- I-Playhouse Company ayinyanzelekanga ukuba yamkele oyena mntu ufake isicelo esinexabiso eliphantsi.

*Xa unemibuzo nceda uqhagamshelane no*Nkszn. K Khan kule nombolo yomnxeba: 031 – 369 9425 okanye kule imeyili: kayk@playhousecompany.com